# Isiqulatho


## Amakhaya

**Iveki yoku-1**
IzaKhono zoBomi: Amakhaya ohlukileyo eMzantsi Afrika ........ 1
UkuFunda noTitshala: Umakhulu owayehlala esihlangwini ........ 2

**Iveki yesi-2**
IzaKhono zoBomi: Izinto zokwakha amakhaya ........ 6
UkuFunda noTitshala: Izindlu ezintathu zokudlala ........ 7

## Iimephu zomfanekiso

**Iveki yesi-3**
IzaKhono zoBomi: Imephu yomyezo wezilwanyana ........ 11
UkuFunda noTitshala: Utyelelo kumyezo wezilwanyana ........ 12

**Iveki yesi-4**
IzaKhono zoBomi: Iiphazili zezilwanyana ........ 16
UkuFunda noTitshala: Izilwanyana zasendle ........ 17
UkuFunda noTitshala: Amaqhina ezilwanyana ........ 20

## Amanzi

**Iveki yesi-5**
IzaKhono zoBomi: Echibini ........ 21
UkuFunda noTitshala: Indlela u-Esi awawufumana ngayo umboko wakhe ........ 22

**Iveki yesi-6**
IzaKhono zoBomi: Ukusebenzisa amanzi ekhaya ........ 26
UkuFunda noTitshala: Intlanzi enkulu ........ 27

## Isibhakabhaka ebusuku

**Iveki yesi-7**
IzaKhono zoBomi: Imini nobusuku ........ 31
UkuFunda noTitshala: Iidyasi ezimbini ezikhazimlayo zesilivere ........ 32

**Iveki yesi-8**
IzaKhono zoBomi: Inyanga ........ 36
UkuFunda noTitshala: Uhambo enyangeni ........ 37

## Iintsuku ezikhethekileyo

**Iveki ye-9**
IzaKhono zoBomi: Umhla weNyibidyala ........ 41
UkuFunda noTitshala: UNkwenkwezi Omncinci ........ 42

# Amakhaya ohlukileyo eMzantsi Afrika








**Iveki yoku-1**
**IzaKhono zoBomi**

- Yintoni eyenza isakhiwo sibe likhaya?
- Wakhe wawabona amakhaya anje? Phi?
- Leliphi ikhaya elingathi lifana nelakowenu? Lifana njani?
- Ohluke njani la makhaya, elinye kwelinye? (*ubungakanani, umbala, imilo, izixhobo zokwakha*)
- Ungathini xa ungenakhaya?

# Umakhulu owayehlala esihlangwini

**Iveki yoku-1**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Uhlala phi umakhulu?
- Ukhalazela ntoni umakhulu?
- Uthetha nabani umakhulu?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **eyoyikekayo** no-**ukukhalaza**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ng**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Uyakholelwa koonomabhabhathane? Kutheni usitsho?
- Oonomabhabhathane baza kumnika ntoni umakhulu?
- Kufuneka ayeke ukwenza ntoni umakhulu? Ngoba?
- Ngababini: Ucinga ukuba uyoneliseka? Kutheni usitsho?









**Iveki yoku-1**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Unomabhabhathane umnike ntoni umakhulu kulo mfanekiso ungentla?
- Unomabhabhathane umlumkise ngantoni umakhulu?
- Ufumene ntoni umakhulu kulo mfanekiso ungentla?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **nequla** no-**woneliseke**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**nd**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Kufuneka saneliseke nini? Saneliseka yintoni?
- Ucinga ukuba yintoni enye aza kuyinika umakhulu unomabhabhathane?
- Ngababini: Ubuza kwenza ntoni xa ubungu nomabhabhathane?

**Iveki yoku-1**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Yindlu enjani efunwa ngumakhulu ngoku?
- Ucinga ukuba unomabhabhathane uza kumnika umakhulu into ayinqwenelayo?
- Ucinga ukuba umakhulu uza kuba yinkosazana xa enebhotwe.

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **kwibhotwe** no-**wayequmbe**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**nk**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Ucinga ukuba umakhulu akoneliseki?
- Benza ntoni abantu abangoneliseki yo? Baziva njani abantu abangoneliseki yo?
- Ingaba kulungile okanye akulunganga ukungoneliseki? Ngoba kutheni?
- Ingaba abantu abangoneliseki yo bonwabile?




Unomabhabhathane wayequmbe kakhulu, wasuka wamjonga nje umakhulu akathetha. Yintoni enye aza kuyenza unomabhabhathane?




**Iveki yoku-1**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Uhlala phi umakhulu ngoku?
- Ulilisa yintoni umakhulu?
- Umakhulu umqumbise ngantoni unomabhabhathane?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **wabuyela** no-**aphinde**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**kh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**


- Ngababini: Ukuba ubungumakhulu ngowawenze njani? Ukuba ubungunomabha-bhathane?
- Ubenosizi ngumakhulu ekugqibeleni? Ngoba kutheni?
- Ungathanda ukuba akunike ntoni unomabhabhathane?

Ewe! Umakhulu wabuyela esihlangwini sakhe! Zange aphinde ambone kwakhona unomabhabhathane.

# Izinto zokwakha amakhaya



amaplanga



amazinki



iithayile






izitena




isamente



iglasi



iintsimbi

**Iveki yesi-2**
**IzaKhono zoBomi**

- Usebenzise eziphi iintlobo zezinto zokwakha le ndlu lo makhi?
- Into nganye uyisebenzise ndawoni kule ndlu? Khomba kuloo ndawo.
- Indlu yakokwenu yakhiwe ngantoni?

# Izindlu ezintathu zokudlala

Isitovu sethu esitsha siphume sikule bhokisi inkulu. Siyenze yayindlu yokudlala.



**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Abantwana benza ntoni ngale bhokisi inkulu?
- Benza ntoni ebhokisini?
- Kutheni indlu yebhokisi ingakhange ihlale ixesha elide?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **esitsha** no-**bhokisi**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**nk**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Yeyiphi imidlalo onokuyidlala kwibhokisi enkulu?
- Ungenza ntoni ngebhokisi enkulu?
- Ungayenza njani?

Sinesanti, amatye, ingca ende kunye nodaka eyadini yethu. Sakha indlu encinci.



Qashi qashi, ngubani ohlala endlwini yethu?



**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Benza ntoni abantwana?
- Basebenzisa eziphi izinto zokwakha? Bazifumana phi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **endlwini** no-**yethu**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**hl**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Ungathanda ukwakha indlu enjani?
- Ungasebenzisa ntoni?
- Ingakhangeleka njani?
- Ungayakhela bani/ ntoni?

# Utata uthenge amaplanga, izikhonkwane kunye nentambo ukwenzela ukwakha indlu yomthi. Saqoqosha igaraji.



**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Uthenge ntoni utata?
- Wenza ntoni utata?
- Bancedisa ngokwenza ntoni abantwana?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **izikhonkwane** no-**saqoqosha**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**kw**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Wakhe wancedisa umama okanye utata besenza into? Babesenza ntoni? Wenza ntoni ukuncedisa?
- Ungathanda ukwenza ntoni ngamaplanga?
- Kutheni kufuneka ulumke xa usebenza ngamaplanga okanye ubhaka?

**Usuku loku-1: Ingqiqo**


- Ucinga ukuba baza kungena njani kuyo phakathi?
- Kutheni ucinga ukuba le ndlu ayikho phezulu kakhulu emthini?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **yomthi** no-**inocango**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ng**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Ungabeka ntoni kwindlu yomthi?
- Ungenza ntoni kwindlu yomthi?



Sineyona ndlu yomthi yakhe yantle! Inocango nefestile.

# Imephu yomyezo wezilwanyana




**Iveki yesi-3**

**IzaKhono zoBomi**

- Ungena phi kumyezo wezilwanyana?
- Ujikela kweyiphi indlela xa usiya kwiinkawu? Ekhohlo okanye ekunene?
- Udlula kweziphi izilwanyana xa usiya kwindlulamthi?
- Zeziphi izilwanyana ezikufuphi namanzi?
- Ndibonise ukuba ungafika njani kwiitafile zepikiniki xa usuka esangweni.
- Chaza ukuba ungaya njani kwingwenya ukusuka ezitafileni zepikniki.

# Utyelelo kumyezo wezilwanyana

Xa sasiye kumyezo wezilwanyana, saqala sabona iinkawu.



Iinkawu zazikhwela emithini zijinge emasebeni. Bona oomama benkawu babebeleke iintsana zabo.

**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Babeyephi abantwana?
- Zeziphi izilwanyana abazibona kuqala?
- Zenza ntoni iinkawu?


**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **kumyezo** no-**kwimiqolo**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ny**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungathanda ukuya kumyezo wezilwanyana? Ngoba?
- Ufuna ukubona eziphi izilwanyana?
- Sesiphi esona silwanyana usithandayo?
- Ngababini: Ucinga ukuba izilwanyana ziyakuthanda ukuhlala kumyezo wezilwanyana?

Saye saya kweyona ndawo inkulu yomyezo wezilwanyana eyayifana nedlelo.



Sabona indlovukazi enkulu kunye nomntwana wayo kufuphi nocingo. Sabona amaqwarhashe kunye neendlulamthi sizibonela kude.

**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Zeziphi izilwanyana ozibona kumfanekiso?
- Kutheni ezi zilwanyana zikweyona ndawo inkulu yomyezo wezilwanyana?
- Yintoni ekuxelela ukuba indlovu ikhathalele umntwana wayo? (*Ime kufuphi nomntwana wayo.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **yomyezo** no-**amaqwarhashe**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**rh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ucinga ukuba inkulu kangakanani indlovu? Inde ngangomthi? Inkulu kunemoto? Inde ngangesakhiwo esinemigangatho emibini?
- Zeziphi izilwanyana ezime kufuphi nocingo, zeziphi ezime kude nocingo?
- Yintoni ekuxelela ukuba ezinye izilwanyana zimele kude? (*ngoba zincinci kakhulu.*)

Seva isilwanyana sigquma ngeyona ngxolo inkulu. Sabaleka saya kubona ukuba yayiyintoni.

**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Kwakutheni ze abantwana babaleke?
- Babona esiphi isilwanyana?
- Baziva njani bakusibona?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **sigquma** no-**indlongondlongo**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ny**.


**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Kwakutheni ze abanye abantwana babaleke ingonyama?
- Ngababini: Wawukhe woyika isilwanyana ngaphambili? Yayisesiphi eso silwanyana?
- Senza ntoni? Waye wathini?



Ingonyama! Yayikhangeleka indlongondlongo abanye bethu bade babaleka!

Echibini elikhulu sabona into ekhangeleka ngathi sisikhuni idada phezu kwamanzi. Yayiyingwenya!



Ingwenya yavula umlomo wayo omkhulu, yaveza amazinyo ayo.

**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Abantwana babona eziphi izilwanyana emhlabeni?
- Sesiphi isilwanyana abasibona emanzini?
- Yintoni eyayisenza kubenzima ukubona ingwenya esemanzini?
- Kutheni ingwenya ingenakuyitya imvubu?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **echibini** no-**ekhangeleka**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**mv**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ucinga ukuba ingwenya ingaya emhlabeni? (*Iingwenya ziyakwazi ukubaleka ngokukhawuleza emhlabeni.*)
- Ucinga ukuba iingwenya zinobungozi? Kutheni usithi zinobungozi okanye usithi azinabungozi? (*Iingwenya zinobungozi kakhulu, ziyabahlasela abantu emanzini nasemhlabeni.*)
- Ucinga ukuba iimvubu zinabo ubungozi? Kutheni usithi zinobungozi okanye usithi azinabungozi. (*Iimvubu zizilwanyana ezinobungozi kakhulu ngokuba zinkulu kakhulu kwaye zindlongondlongo, zinako ukubahlasela abantu emhlabeni okanye izikhephe ezixabe kwindlela yazo.*)


# Iiphazili zezilwanyana

## Sesiphi esi silwanyana?


















**Iveki yesi-4**
**IzaKhono zoBomi**

- Yenza ntoni iglasi eyandisayo? (*Yenza izinto zibonakale zinkulu.*)
- Ngamanye amaxesha izinto zibonakala zahlukile xa zandisiwe.
- Ezi foto zibonisa ulusu kunye namalungu ezilwanyana andisiweyo.
- Tshatisa isikhumba nesilwanyana esingezantsi.

# Izilwanyana zasendle



Iveki yesi-4
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Yenza ntoni inkawu?
- Izigcina njani inkawu ikhuselekile?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **ingonyamakazi** no-**inkawu**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**nd** no-**ny**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Zahluka njani iingonyama kunye neenkawu?
- Ngababini: Ucinga iinkawu zihlakaniphile? Kutheni usitsho nje?

Ndiyinkawu. Nditya phantse yonke into – iintaka, amaqanda, amasele, iziqhamo, kunye nezinambuzane. Ndizigcina ndikhuselekile ngokukhwela emithini.

Iveki yesi-4

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Yintoni ekhethekileyo ngeendlulamthi? (*inde kakhulu/intamo inde*)
- Yintoni ekhethekileyo ngeendlovu? (*Zizilwanyana ezinkulu./Zisebenzisa imiboko yazo emide ukuphefumla nokuchola ukutya.*)
- Zifana ngantoni iindlovu kunye neendlulamthi? (*Zombini zitya amagqabi, ingca, izihlahla ezincinci kunye neziqhamo. Azityi nyama.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **indlulamthi** no-**indlovu**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela igama elithi liqale/liphele ngesandi u-**gq** no-**th**.


**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Zahluke ngantoni/njani iindlovu kunye neendlulamthi?
- Ungazibona phi iindlulamthi kunye neendlovu eMzantsi Afrika? (*Kumyezo wezilwanyana, kwindawo yokugcina izilwanyana.*)
- Ngababini: Ucinga ukuba kubalulekile ukuzikhusela izilwanyana ezinjengeendlulamthi kunye neendlovu? Kutheni ucinga njalo okanye ungacingi njalo?

Ndiyindlovu. Ndisebenzisa umboko wam ukutsala ingca nditye nasemithini.



Ndiyindlulamthi. Ndinentamo ende endinceda ukuze ndifikelele phezulu kwimithi ndikwazi ukutya amagqabi.



Ndiyingwenya. Ndihlala kwimilambo nakumachibi. Ndilala ngokuthe cwaka ndilindele ixhoba.





Ndiyimvubu. Ndiyathanda ukuba semanzini ngexesha lasemini. Ebusuku nditya amagqabi kunye nengca emhlabeni.



**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Sesiphi isilwanyana esihlala emanzini?
- Sesiphi isilwanyana esitya inyama, isesiphi esingayityiyo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **ingwenya** no-**imvubu**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ch** no-**xh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Wakhe wayibona imvubu okanye ingwenya? Wawuzibona phi?
- Zifana ngantoni iimvubu kunye neengwenya? (*Zizilwanyana eziyingozi.*)
- Zahluke ngantoni iimvubu kunye neengwenya? (*Iingwenya zitya inyama iimvubu aziyityi/iingwenya zinamaxolo zona iimvubu zinesikhumba esingqindilili esingwevu.*)

# Amaqhina ezilwanyana








Ndihlala kwimilambo nakumachibi. Ndifana nokhuni lomthi xa ndidada emanzini. Ndiyintoni?

Ndisesona silwanyana sikhulu esihlala emhlabeni. Ndisebenzisa umboko wam ukufumana ukutya. Ndiyintoni?

Ndihlakaniphile. Ndiyakwazi ukukhwela, ukujinga nokudlala emithini. Nditya nantoni na. Ndiyintoni?

Ndihlala kufutshane nemilambo kunye namachibi. Ndimkhulu kakhulu kwaye ndinzima. Ndiyintoni?

Ndiyinkosi yazo zonke izilwanyana. Nditya inyama. Ndiyagquma kakhulu. Ndiyintoni?

Ndisesona silwanyana side kunazo zonke izilwanyana. Ndinentamo ende kakhulu. Ndiyintoni?

# Echibini









**Iveki yesi-5**

**IzaKhono zoBomi**

- Zilwanyana zini ozibona echibini?
- Ziwasebenzisa entwenini amanzi izilwanyana ngokwahluka kwazo? (*ukusela – zonke izilwanyana; ukuzipholisa – iimvubu neendlovu; ukuhlamba – iindlovu*).
- Bangakwazi ukusela la manzi abantu? Ngoba?

# Indlela u-Esi awawufumana ngayo umboko wakhe

U-Esi wayenxaniwe. Waya echibini. Akazange azibone iingwenya, waqalisa ukusela.

**Iveki yesi-5**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo


- Kwakutheni ukuze u-Esi aye echibini?
- Kwakufanele u-Esi aye yedwa? Ngoba?
- Uyayibona ingwenya? Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**


- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **echibini** no-**ingwenya**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ny**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ucinga ukuba u-Esi wayeyindlovu engamameliyo? Ngoba?
- Ngababini: Yintoni umama wakho okanye utata wakho akunqandayo ukuba ungayenzi? Ngoba?



Ingwenya yaqubha ngokukhawuleza ngaphantsi kwamanzi. Yanqakula u-Esi yamrhuqela emanzini. U-Esi wakhwaza ecela uncedo.



Iveki yesi-5
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Ingwenya yamnqakula phi u-Esi?
- Kwakutheni ize ingwenya imrhuqele emanzini?
- Kwakutheni ukuze u-Esi angayiboni ingwenya isiza?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **yaqubha** no-**yanqakula**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**rh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Uyoyika u-Esi? Kutheni ucinga njalo?

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Ucinga ukuba ngomphi oza kuba namandla?
- Zeziphi ezi zilwanyana zinceda u-Esi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **izilwanyana** no-**zatsala**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**nc**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ucinga ukuba kutheni ezi zilwanyana zinceda u-Esi?
- Ngababini: Ukhe ubancede abanye abantwana? Xelela iqabane lakho.




Kweza ezinye izilwanyana zazokunceda. Ingwenya yatsala yatsala. U-Esi kunye nezo zilwanyana batsala batsala.

Ekugqibeleni, u-Esi wakwazi ukuphuncuka. Izilwanyana zazixolile. Kodwa babona ukuba umboko wakhe mde kakhulu! Yho, hayini!

Iveki yesi-5

**UkuFunda noTitshala**



**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kwakutheni izilwanyana zonelisekile?
- Kwakutheni izilwanyana zimangalisiwe?
- Kwakutheni zothukile izilwanyana?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **ukuphuncuka** no-**umboko**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**dw**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Uyalwazi olu hlobo lwebali luyintoni?
- Ingaba libali eliyinyani? Ngoba?
- Ngababini: Angawusebenzisa njani u-Esi umboko wakhe omde?

Kodwa u-Esi zange azikhathaze. Wayewuthanda umboko wakhe umde unjalo.

# Ukusebenzisa amanzi ekhaya





Iveki yesi-6

**IzaKhono zoBomi**

**Umfanekiso woku-1**


- Luphi olu sapho? Ucinga ukuba lunayo itephu ngaphakathi? Kutheni usitsho?
- Bawasebenzisa njani amanzi? (*ukusela, ukuhlamba umzimba, ukuhlamba iimpahla*)
- Ucinga ukuba yeyiphi enye indlela oluwasebenzisa ngayo amanzi olu sapho? (*ukupheka, ukuhlamba izandla, njalo njalo*)
- Ingaba amanzi etephu akulungele ukuselwa?

**Umfanekiso wesi-2**

- Luphi olu sapho? Luwasebenzisa njani amanzi? (*bayawasela, bahlamba izandla, bahlamba izitya, bahlamba imoto*)
- Ucinga ukuba yeyiphi enye indlela oluwasebenzisa ngayo amanzi olu sapho? (*bayazihlamba, bahlamba amazinyo, bayagungxula, njalo njalo*)
- Ingaba akulungele ukuselwa amanzi etephu?

# Intlanzi enkulu

UDuma noJabu bayokuloba edamini. Babefuna ukubamba iintlanzi.




UDuma weva ngento itsala umnatha wakhe ngamandla.

Iveki yesi-6
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Baya kuloba phi uDuma noJabu?
- Ucinga ukuba babefuna ukubambisa intlanzi?
- Wawutsalwa yintoni umnatha kaDuma?
- Yayimtsalela phi uDuma intlanzi enkulu? (*enzulwini yedama*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **iintlanzi** no-**umnatha**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ts** no-**nk**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Kuza kwenzeka ntoni kuDuma ukuba intlanzi imtsalela enzulwini yedama.
- Ngababini: Ucinga ukuba makenze ntoni uDuma? Wena ungenza ntoni?
- Kunzima ukubamba intlanzi enkulu? Kutheni usitsho?
- Uyayitya intlanzi? Kukutya okulungileyo?

# UDuma waleqa intlanzi enkulu. Ngephanyazo, wabasenzulwini yamanzi.

Iveki yesi-6
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kwakutheni ukuze uDuma angene enzulwini yedama?
- Wakhwaza wathini uDuma?
- UJabu wamnceda njani uDuma?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **ncedani** no-**enzulwini**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**lw** no-**kh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Kuza kufuneka enze ntoni uDuma ukuze intloko yakhe ihlale iphezu kwamanzi?
- Ngababini: Kuza kufuneka uJabu aphinde amncede njani uDuma? Wena ubuza kumnceda njani?




# UJabu wathatha ukhuni olukhulu walutyhalela kumhlobo wakhe.

# UDuma wababelela kukhuni.




UJabu wabaleka ngawona mendu ukuya kweyona ndlu ikufutshane. Waxelela amadoda amabini ukuba umhlobo wakhe udinga uncedo.

Iveki yesi-6
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Wabambelela kwintoni uDuma? Kuba kutheni?
- Wabalekela phi uJabu?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **mendu** no-**ikufutshane**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**nd** no-**mb**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Kutheni uJabu ecela uncedo ebantwini abadala?
- Ngababini: Balisa ngosuku owabona umntu ofuna uncedo. Wenza ntoni?

**Iveki yesi-6**

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Watsalwa ngubani uDuma emanzini?
- Ucinga ukuba wathini uDuma kula madoda?
- Ucinga ukuba la madoda athini kuDuma ngokuloba edamini?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **atsibela** no-**atsalela**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ph**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kula ntlanzi inkulu?
- Ngababini: Ucinga ukuba la makhwenkwe aza kubabalisela ntoni abazali babo?
- Ucinga ukuba la makhwenkwe aza kuphinda ayokuloba? Kutheni usitsho?
- Ungathanda ukuyokuloba? Kutheni usitsho?



Amadoda eza edamini ebaleka. Atsibela emanzini aze atsalela uDuma ngaphandle.

# Imini nobusuku

## Imini

Emini, liyabonakala ilanga. Ilanga lisinika ubushushu kunye nokukhanya. Liyibhola yomlilo. Lingamawaka-waka aphindiweyo ngobukhulu kunomhlaba.





## Ubusuku

Ebusuku, uyakwazi ukubona inyanga, iinkwenkwezi neeplanethi. Inyanga yibhola yelitye engenabo ubushushu nokukhanya, encinci kakhulu kunomhlaba.


**Iveki yesi-7**

**IzaKhono zoBomi**

- Ngowuphi umfanekiso obonisa imini? Ngowuphi obonisa ubusuku?
- Yeyiphi eshushu? Ngoba kutheni? Yeyiphi emnyama? Ngoba kutheni?
- Zeziphi izinto ezahlukileyo ozenzayo emini nasebusuku?
- Zeziphi izidalwa ezidlamkayo emini? Ebusuku?
- Sibona ntoni kwisibhakabhaka emini?
- Sibona ntoni kwisibhakabhaka ebusuku?

# Iidyasi ezimbini ezikhazimlayo zesilivere

Kwakukho umthungi owayekwazi ukuthunga iimpahla ezifanela imizimba eyahlukileyo. Wathunga idyasi ekhazimlayo yesilivere. Yayi yeyendoda ende enciphileyo.



**Iveki yesi-7**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Wenza ntoni umthungi?
- Kutheni lo mthungi weyekrelekrele?
- Ikhangeleka njani idyasi yendoda ende, enciphileyo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **ekhazimlayo** no-**enciphileyo**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**nk**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Ungathanda ukuba uthungelwe iimpahla ezintsha? Ungathanda eziphi iimpahla?
- Kufuneka benze ntoni abathungi xa bethunga iimpahla? (*thatha imilinganiselo, sika ilaphu, thunga amalatshana, njalo njalo*)

Umthungi wamangaliseka xa indoda izokuthatha idyasi yayo. Indoda yayingasanciphanga ingekhonde. Ngoku yayingqukuva kwaye ityebile.




**Iveki yesi-7**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Kwakutheni umthungi ukuze amangaliseke?
- Ya-odola ntoni indoda engqukuva, etyebileyo kumthungi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **wamangaliseka** no-**yayingqukuva**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ty**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ucinga ukuba kwakutheni indoda eyayinciphile, inde ize itshintshe ibe ngqukuva ityebe?

# Emva koko, umthungi wathunga enye idyasi. Le dyasi yayilingana kakuhle indoda engqukuva etyebileyo.




**Iveki yesi-7**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Umthungi wayithungela ntoni indoda engqukuva, etyebileyo?
- Yaxoliswa yintoni indoda engqukuva etyebileyo?
- Umthungi wayibuza ntoni indoda engqukuva, etyebileyo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **yayilingana** no- **esibhakabhakeni**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**bh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ucinga ukuba yayiyindoda yokwenyani? Kuba kutheni?
- Ucinga ukuba eli bali liyinyani okanye liqwetyiwe? Kutheni usitsho?

Umthungi wajonga esibhakabhakeni ebusuku. Wabona inyanga itshintsha imilo yayo yobude nokuncipha, yabangqukuva yatyeba.



Ukusukela ngoko umthungi wayazi ukuba yayiyinyanga le yayifuna iidyasi ezimbini zesilivere.

**Iveki yesi-7**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Yayiyintoni indoda esebalini?
- Kwakutheni ukuze indoda esebalini itshintshe imo yayo?
- Umthungi wayazi njani ukuba ayiyo ndoda yokwenyani le?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **itshintsha** no-**eyokwenyani**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**nc**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Wakhe wajonga isibhakabhaka ebusuku? Zeziphi imilo zenyanga owazibonayo?
- Ngababini: Lisifundise ntoni eli bali ngenyanga? (*Inyanga ikhangeleka ngathi iyayitshintsha imilo yayo nyanga nganye.*)

# Inyanga


Inyanga ijikeleza umhlaba kube kanye enyangeni. Kukhangeleka ngathi iyazitshintsha imilo yayo xa ijikeleza, kuba ilanga likhanyisa kwiindawo ezahlukeneyo zenyanga. Ezi ndawo zahlukeneyo sizibiza ngamagama.




**Iveki yesi-8**
**IzaKhono zoBomi**

- Yalatha umhlaba, inyanga nelanga. Yeyiphi enkulu? Yeyiphi encinci?
- Ijikeleza phi inyanga? (*ijikeleza umhlaba*) Ithatha ixesha elingakanani? (*iintsuku ezingama-29$\frac{1}{2}$*)
- Kutheni sibona amaceba ahlukeneyo enyanga kubusuku ngabunye? (*Xa inyanga ijikeleza umhlaba, ilanga likhanyisa kumaceba ahlukeneyo enyanga, ngala maceba esiwabonayo.*)
- Masifunde amagama ezigaba ezahlukeneyo zenyanga.

# Uhambo enyangeni



UNeil Armstrong noBuzz Aldrin ngabantu bokuqala ukuya enyangeni. Baqokelela amatye nothuli enyangeni.

**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ngoobani amadoda amabini okuqala ukuya enyangeni?
- Kwakutheni ukuze babeke iflegi yaseMelika enyangeni? (*Kuba yayingabaseMelika.*)
- Baqokelela ntoni enyangeni? Ngoba? (*Ukubonisa ukuba zohluke njani kumatye nothuli lwasemhlabeni.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **amatye** no-**uthuli**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ng**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Ungathanda ukuya enyangeni?
- Ungenza ntoni xa usenyangeni?

**Usuku loku-1: Ingqiqo**


- Ungabona ntoni xa unokuhamba enyangeni?
- Ungahlala ixesha elingakanani umkhondo weenyawo zakho enyangeni? Ngoba? (*ngonaphakade: kuba akukho moya wakuvuthela okanye amanzi okuzihlamba*)
- Ucinga ukuba kutheni kungekho zilwanyana, zityalo okanye abantu enyangeni? (*Akukho moya namanzi enyangeni.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **kumgangatho** no-**imikhondo**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ny** no-**th**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Ucinga ukuba abantu bangathanda ukuya kuchitha iholide enyangeni? Utsho kuba kutheni?
- Kungafuneka abantu baphathe ntoni xa besiya enyangeni? (*umoya, amanzi, ukutya, iimpahla ezikhethekileyo*)
- Ucinga ukuba bangahlala ixesha elingakanani abantu enyangeni? (*Yamkela zonke izimvo.*)




Into abayibonayo luthuli oluthambileyo olungwevu, amatye akhazimlayo, nemingxuma emininzi kumgangatho. Kwakungekho moya namanzi, kungekho zilwanyana, zityalo nabantu.



Bashiya imizila yeenyawo engasukiyo enyangeni.

# Babhabhela enyangeni ngesiphekepheke. Sathatha iintsuku ezine ukuya kufika.




Iveki yesi-8
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ngomnwe wakho, khangela apho sahamba khona isiphekepheke.
- Ukuba kwathatha iintsuku ezine ukuya kufika, iintsuku ezine ukubuya, zingaphi iintsuku abazihambileyo zizonke? (*Iintsuku ezisibhozo.*)
- Yeyiphi indawo yesiphekepheke eya hlala enyangeni? (*Inyanga imodyuli, eyayiyi imodyuli encinci ngaphakathi kwisiphekepheke*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **oosomajukujuku** no-**isiphekepheke**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**dy**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Wakhe wathabatha uhambo olude? Wawusiya phi?
- Wahamba ngantoni? (*ngemoto, ngebhasi, ngesikhitshane okanye ngeenyawo?*)
- Wathatha ixesha elingakanani ukuya kufika kule ndawo?

# Ukhangeleka ngolu hlobo umhlaba xa usenyangeni.

**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Injani imilo yomhlaba? (*Sisangqa*)
- Unjani umbala womhlaba? (*Uluhlaza okwesibhakabhaka*.)
- Ucinga ukuba kutheni umhlaba uluhlaza okwesibhakabhaka? (*Kuba ubukhulu bomhlaba ngamanzi*.)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa unotsheluza wegama elithi, **umhlaba**. Libize eli gama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ng**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Yintoni umahluko phakathi komhlaba nenyanga? (*Inyanga incinci, akukho zinto ziphilayo kuyo, akukho manzi, mafu okanye moya*.)
- Ucinga ukuba abantu bangaze bahlale enyangeni? Utsho kuba kutheni? (*Yamkela zonke izimvo*.)
- Yintoni enye into oyaziyo ngenyanga? Iyeyiphi enye into onqwenela ukuyazi ngenyanga?



# Umhla weNyibidyala

Inyanga ithatha **inyanga enye** ukujikeleza umhlaba. Umhlaba uthatha **unyaka omnye** ukujikeleza ilanga. Unyaka ngamnye omtsha uqala ngomhla wokuqala kuJanyuwari. Ubizwa ngokuba yiNyibidyala.



EKapa



ERhawutini



EThekwini

**Iveki ye-9**
**IzaKhono zoBomi**

- Wakhe wakho kwimibhiyozo yeNyibidyala? Khawusixelele ngayo.
- Kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye?
- Wakhe waya kuzo ezi ndawo?
- Ingaba nine nyibidyala eyahlukileyo kwinkcubeko yenu? Khawusixelele ngayo.

# UNkwenkwezi Omcinci

Iveki ye-9
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Sizibona nini iinkwenkwezi esibhakabhakeni?
- Kutheni singenakuzibala nje iinkwenkwezi ezisesibhakabhakeni?
- Ngubani onenkwenkwezi ekhethekileyo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **ekhethekileyo** no-**esibhakabhakeni**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**mb** no-**sh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Uziva njani xa ujonge iinkwenkwezi esibhakabhakeni?
- Wakhe wayibona inkwenkwezi ekhazimla kakhulu esibhakabhakeni?



Kukho abantu abacinga ukuba sinenkwenkwezi ekhethekileyo esibhakabhakeni. Ngalo lonke ixesha sisenza into elungileyo, iba nkulu ikhazimle ngakumbi.

# Kwakukho inkwenkwezi eyayibizwa ngokuba nguNkwenkwezi Omncinci.






**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Yintoni eyenza iinkwenkwezi zethu ezikhethekileyo zibe nkulu zikhazimle ngakumbi?
- Yayifuna ntoni inkwenkwezi encinci?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **ndikhazimle** no-**elungileyo**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ng** no-**nc**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ingaba ukhona umntu owakhe wakwenzela ububele? Khawusixelele ngabo. Waziva njani?
- Ingaba wena wakhe wenzela umntu ububele okanye isilwanyana? Khawusibalisele ngaloo nto.
- Wakhe wenza ububele emntwini okanye kwisilwanyana? Khawusixelele ngabo.

# UNkwenkwezi Omcinci wajonga ezantsi emhlabeni ukuze abone umntwana wakhe omncinci.




**Iveki ye-9**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Inkwenkwezi encinci yabona ntoni ezantsi emhlabeni?
- Kufuneka ilinde ntoni inkwenkwezi encinci?
- Ucinga ukuba yintoni eza kwenzeka?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **umbukele** no-**ndingxamile**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**ph**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Ukhona umntu omaziyo onobubele kakhulu? Zintoni azenzayo?
- Ucinga ukuba umntwana wenkwenkwezi encinci uza kwenza ntoni?
- Ubuza kwenza ntoni ukuba ubungumntwana wenkwenkwezi encinci?

# Ngobunye ubusuku uNkwenkwezi Omncinci wabona inkwenkwezi enkulu ekhazimlayo esibhakabhakeni.




Iveki ye-9
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Yintoni eyakhanyisa umhlaba ngobusuku obuthile?
- UNkwenkwezi Omncinci wabuza ntoni kuMama Nkwenkwezi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa unotsheluza wegama elithi, **obungummangaliso**. Libize eli gama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo ebalini.
- Khangela amagama anesandi u-**kh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini: Ucinga ukuba yekabani eyona nkwenkwezi inkulu ikhazimlayo? Kutheni ucinga njalo?

